**UIsaya 9**


2. Abantu abo babamba emnyameni

babone ukukhanya okukhulu;

abemi basezweni lethunzi lokufa,

ukukhanya kubengezele

phezu kwabo.



6. Ngokuba sizalelwe umntwana,

sinikwe unyana;

ukuthethela kusesixhantini sakhe;

igama lakhe kuthiwa

nguMmangaliso,

nguMcebisi,

nguThixo oligorha,

nguSonini-nanini,

nguMthetheli woxolo.



## <u>ULuka 1</u>

26. Isithunywa esinguGabriyeli sathunyelwa

nguThixo emzini welaseGalili,

ogama liyiNazarete,

27. kwintombi, eganelwe indoda

egama linguYosefu, yendlu kaDavide;

laye igama lentombi leyo linguMariya.

28. Sangena isithunywa kuye, sathi,

"Vuya, wena ubabalweyo!

INkosi inawe;

usikelelwe wena

phakathi kwabafazi."



29. Uthe ke akusibona,

wee qhiphu umbilini ngenxa yelizwi laso;

wayecamanga ukuba ungaba mbuliso

mni na lo.

30. Sathi ke isithunywa kuye,
"Musa ukoyika, Mariya;
kuba ubabalwe nguThixo.
31. Uyabona, uya kuthabatha esizalweni,
uzale unyana,
umthiye igama elinguYesu.
32. Yena uya kuba mkhulu,
abizwe ngokuba nguNyana wOsenyangweni;
iNkosi uThixo iya kumnika itrone
kaDavide, uyise,
33. abe ngukumkani phezu kwendlu kaYakobi
kude kube ngunaphakade,
nobukumkani bakhe bungabi nasiphelo."
34. Wathi ke uMariya kuso isithunywa,
"Kuya kuthini na ukubakho oku,
ndingazani nandoda nje?"

35. Saphendula isithunywa sathi kuye,

"UMoya oyiNgcwele uya kuza phezu kwakho,

athi namandla Osenyangweni akusibekele;

kungoko loo nto ingcwele izalwa

nguwe iya kubizwa

ngokuba nguNyana kaThixo."

38. Wathi ke uMariya,

"Nanko umkhonzazana weNkosi;

makwenzeke kum ngokwelizwi lakho."

Saza isithunywa semka kuye.



## UMateyu 1

18. Ke kaloku ukuzalwa kukaYesu Kristu
kwaye kungolu hlobo:
Kwathi, akubon' ukuba unina uMariya
useleganelwe uYosefu, bengekahlangani,
wafunyanwa emithi ngoMoya oyiNgcwele.
19. Wathi ke uYosefu indoda yakhe,
engolilungisa, engathandi ukumhlaza ekuhleni,
wanga angamala ngasese.
20. Akubon' ukuba uyazicinga ezi zinto, naso
isithunywa seNkosi sibonakala kuye ephupheni,
sisithi, "Yosefu, nyana kaDavide,
musa ukoyika ukumthabathela
kuwe uMariya, umfazi wakho;
kuba oko kukhawulweyo
phakathi kwakhe kungoMoya oyiNgcwele.



21. Uya kuzala unyana ke, umbize ngegama
elinguYesu; kuba yena eya kubasindisa
abantu bakhe ezonweni zabo."

22. Ke kaloku oku konke kwenzeke,
ukuze kuzaliseke okwathethwayo
yiNkosi ngomprofeti, isithi,

23. "Yabonani, intombi le iya kumitha
izale unyana, Bambize ngegama
elinguImanuweli, oko kukuthi
ngentetho evakalayo, uThixo unathi.



UIsaya 7 : 14

24. Wathi ke uYosefu, evukile ebuthongweni,
wenza ngoko besimmisele ngako isithunywa
seNkosi, wamthabathela kuye umfazi wakhe;

25. waza ke akamazi,
wada wazala unyana wakhe wamazibulo;
wambiza ke ngegama elinguYesu.

## ULuka 2


1. Ke kaloku kwathi ngaloo mihla, kwaphuma ummiselo kuKesare Awugusto othi, malibhalwe encwadini yomlibo wokuzalwa lonke elimiweyo.

3. Babesithi bonke baye kubhalwa, athi elowo aye kowakowabo umzi.

4. Wenyuka ke noYosefu, evela kwelaseGalili,
kumzi oyiNazarete,
waya kwelakwaYuda,
emzini kaDavide,
ekuthiwa yiBhetelehem,
ngenxa yokuba ebengowendlu kaDavide,
engowemizalwane yakhe;



5. esiya kubhalwa, enoMariya,
umfazi lowo wayemganelwe,
selekhulelwe.



6. Ke kaloku kwathi, xa bakhona,
   yazaliseka imihla yokuba azale.
7. Wamzala unyana wakhe wamazibulo,
   wamsongela eziqhiyeni,
   wamlalisa emkhumbini wesitali,
   ngenxa enokuba
   babengenandawo
   endlwini yabahambi.



8. Kwaye kukho abalusi kwakwelo lizwe,
   behlala ezindle,
   belinda ebusuku imihlambi yabo.
9. Babona ngesithunywa seNkosi simi phezu kwabo,
   bathi nobuqaqawuli beNkosi
   bababengezelela
   ngeenxa zonke;
   besuka boyika ngokoyika okukhulu.



10. Isithunywa eso sathi kubo,

"Musani ukoyika; kuba, yabonani,

ndinishumayeza iindaba

ezilungileyo zovuyo olukhulu,

oluya kuba kubo bonke bantu;



11. ngokuba nizalelwe namhlanje

emzini kaDavide uMsindisi, onguKristu iNkosi.

12. Nantsi ke into eyoba ngumqondiso kuni:

nofumana lusana

lusongelweyo eziqhiyeni,

lulele emkhumbini wesitali."

13. Kwabakho ngesiquphe, ndawonye nesithunywa

eso, inkitha yomkhosi wasemazulwini,



idumisa uThixo, isithi,

14. "Uzuko kuThixo enyangweni,

Uxolo emhlabeni,

Inkolelo ebantwini."

15. Kwathi ke, zakumka kubo izithunywa

zisiya emazulwini,

abantu abo abalusi

bathi omnye komnye,

"Masesihamba sisiya

eBhetelehem apho,

siyibone le nto ihlileyo,

esiyazisiweyo yiNkosi."



16. Beza ngobungxamo,

bamfumana uMariya,

kwanoYosefu,

nalo usana lulele

emkhumbini wesitali.



17. Bathi ke, bakubona,

balibhengeza ilizwi elabe lithethwe

kubo ngaye lo mntwana.

18. Bathi bonke abo bevayo, bamangaliswa

zezo zinto zabe zithethwe kubo ngabalusi.

19. Waye ke uMariya ezigcina

zonke ezi zinto eziguquguqula

entliziyweni yakhe.



20. Babuya abalusi, bemzukisa bemdumisa uThixo,

ngenxa yazo zonke izinto

ababezivile nababezibonile,

njengoko kwabe kuthethiwe kubo.



## UMateyu 2

1. Kuthe ke, akubon' ukuba uYesu uzelwe


eBhetelehem yelakwaYuda,

emihleni kaHerode ukumkani,

kwabonakala kufika eYerusalem

izazi zivela empumalanga,

zisithi,




2. "Uphi na lo uzelweyo,

ukumkani wamaYuda?

Kuba sibone inkwenkwezi

yakhe empumalanga;

size kumnqula."





3. Uthe ke uHerode

ukumkani, akuva,

wakhathazeka,

yena nayo yonke iYerusalem naye.

4. Wahlanganisa ke bonke ababingeleli

abakhulu nababhali babantu,

wababuza ukuba ubeya kuzalelwa

phi na uKristu.

5. Bathe ke kuye,

"EBhetelehem yelakwaYuda;

kuba kubhaliwe ngomprofeti kwathiwa,

6. 'Nawe Bhetelehem,

mhlaba wakwaYuda,

Akunguye nakanye

omncinanana phakathi

kwabalawuli bakwaYuda:



Kuba kuwe apha kuya kuphuma uMlawuli,

Onguyena uya kubalusa abantu bam


amaSirayeli.' "


UMika 5 : 2

7. Kwakuba njalo, uHerode, ezibize ngasese izazi ezo, waqondisisa kakuhle kuzo ixesha lokubonakala kwenkwenkwezi leyo;

8. wazithuma ke eBhetelehem, wathi, "Hambani niye nicokise ukubuzisa ngomntwana lowo; xa ke nithe namfumana, ze nindibikele, ukuze nam ndiye kumnqula."

9. Zimvile ke zona ukumkani, zahamba; nantso inkwenkwezi leyo zayibonayo empumalanga izandulela, yada yaya kuma phezu kwendawo abekuyo umntwana lowo.





10. Zathi ke, zakuyibona inkwenkwezi,

zavuya ngovuyo olukhulu kakhulu.



11. Zingenile endlwini,

zambona umntwana enoMariya unina,

zawa phantsi, zaqubuda kuye;

zathi, zinqike impahla yazo,

zanikela kuye iminikelo,


igolide, nentlaka emhlophe, nemore.



12. Zathi, kuba zihlatyelwe nguThixo ephupheni

ukuba zingabuyi ziye kuHerode,

zemka ngayimbi indlela ukuya ezweni lakowazo.



**UYohane 1**

14. ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu,
sabubona ubuqaqawuli bakhe,
ubuqaqawuli kanye bowokuphela
kwamzeleyo uYise,
ezele lubabalo
nayinyaniso.



**UYohane 3**

16. Kuba wenjenje uThixo
ukulithanda kwakhe ihlabathi,
ude wancama uNyana wakhe
okuphela kwamzeleyo,
ukuze bonke abakholwayo kuye
bangatshabalali,
koko babe nobomi obungunaphakade.